NDIYAZI

Eneneni singabantu abanenywheba yokuba lapha ngale ntsasa, siphila emhlabeni, sibone elinye ixesha elikhulu lePasika. IPasika isoloko isizisa eyona i—iluzuko into kuthi, amathemba amatsha. Kwaye—kwaye nokunjani ukubalikhulu!

2 Kwaye nje ngokuba bendisaya egumbini emva phaya ngale ntsasa, umntu othile uhlangane nam wathi, "Mzalwana uBranham, uyalwazi u—usana oluncinci, okanye umntwana omncinci okanye umntu othile, owayethandazelwe aChautauqua kunyaka ogqithileyo, owayefanele akhutshwe intliziyo yabo, nezivalo zentliziyo okanye into ethile ilungiswe kuyo." Wathi, "Usana lwaphiliswa, kwaye lusesakhiweni ngale ntsasa, eyona into, kwaye luhleli apha ngale ntsasa." Ke oko kulungile, siyakuba nobungqina obusuka kulo nje mhlawumbi phambi kokuba sibethe enye inkonzo. Kwaye nje singabantu abavuyayo.

3 Ngoku ndizakucela uMzalwana uNeville ukuba uyakufumana isifundo seSibhalo sikaMateyu okanye uLuka, esinye, sovuko, ukuba ubungekasele usifundile. Ingaba wenzile, mzalwana? [UMzalwana uNeville uthi, "Hayi."—Mhl.] Ke, ngelithuba sisalungiselela umthandazo.

4 Kwaye ngoku ukulandela lomhlangano, iyakuba yinkonzo yempiliso. Emva kokuphela kwale nkonzo, emva koko niye kwisidlo senu sakusasa. Ngoko, emva koko, siyakubuyela kwakhona ngecala leyesithoba size siqalise enye inkonzo. Kuze emva koko iinkonzo zempiliso ziyakulandela oko. Kuze emva koko iinkonzo zobhaptizo zilandele oko.

5 Kwaye elinjani ukubalihle ixesha elilo lobhaptizo! Owu, bethu! Uvuko! Yilonto sibhaptizwa, ngokuba Wavuka kwakhona.

6 Ndiyakhumbula phambi kokufumana indawo yethu yokubhaptizela apha, ndandiqhele ukubathatha ndibahlisele emlanjeni ezantsi apha, kwangethuba, ezipholileyo iintsasa ezinjengeqabaka, ndize ndibabhaptize abantu ezantsi phaya emlanjeni. Kukho into ethile malunga nako okuya, nje, lixesha elindilisekileyo. IPasika, lixesha elingcwalisekileyo.

Bendijonga kuMzalwana uPat Tyler ehleli khona ngapha.

7 Bendithetha nje kothile kubusuku obugqithileyo. Okokuba, umhlangano wethu wokugqibela e-Oklahoma, ndizamile uku, ukuzama ngoku (kwaye ndiyakukupapasha oku) ukukubekela ecaleni ade uThixo abe uyandibizela ukulwenza, ulungiselelo lwam lwakudala lokucalula, ngokuba ndiyacinga (ekuqalekeni) iyi—ulungiselelo olutsha luyangena.

8 Ngobunye ubusuku, kungekho bani waziyo malunga nalo, ndaluvavanya emntwaneni esiza ukunqumla, wayezalwe eyimfama, usana; kwaye wayeyimfama ngokupheleleyo, malunga neshumi elinesithandathu iminyaka ubudala inkwenkwe. Kwaye nje ngokukhawuleza yakhala, "Mzalwana uBranham, ndiyabona!" Kwaye phaya, kwaye uPat waye . . . Ty-. . . emile kufuphi, kufutshane nenkwenkwe, xa amehlo ayo avuleka ityeli lokuqala kubomi bayo bonke. Kwaye ke ndiyathemba ukuba nilapha, kunye nokukhulu ukungxama, kunye nam, ndijonge into ethile, uThixo asenzele yona, aze asinyusele kwelinye inqanaba kunoko besikuko.

Masithathobise iintloko zethu ngoku ukwenzela umthandazo.

9 Bawo wethu waseZulwini Onenceba, njengoko sihlanganisene ngale ntsasa, apha kwibandla elincinci ecaleni kwendlela, sinombulelo ngenene ngaWe, ngako konke okuthethwa koku kuthi, kwaye ingakumbi kulentsasa yePasika. Ukuba ibingakhange ibekho iPasika, besingenakuba kwimeko esikuyo namhlanje. Kuba, iPasika koko kutywine izithembiso zikaThixo. Iziqinisekisile kuthi. Yonke into Awakhe wayithembisa, yenziwa yaba yinto yenene ngePasika. Olunye lwemihla emikhulu kakhulu yemibhiyozo esinokuba nayo kunyaka! Kwaye siyakucela, Nkosi, namhlanje, okokuba uyakuthuthuzela iintliziyo zethu njengoko sihleli, silindile, kwaye siphantsi kokungxamela uMoya oyiNgcwele, Oweza emva kwePasika, ukuba uze phezu kweentliziyo zethu usithuthuzele, kwaye ubuyisele ukholo lwethu, kwemikhulu enamandla imilinganiselo, ukuze sibenakho ukuhamba ubomi athe uYesu wasimisela bona ukuba sibuhambe.

10 Siyakuthandaza ngaye ngamnye wonke ubani, kwaye ingakumbi ngabo bavalekileyo abangenakho ukufika ezinkonzweni naphina namhlanje. Thixo, yiba nabo. Kwaye yanga—yanga le Pasika ingabafumanela iPasika yenene, uvuko emandlalweni, kunye nempilo entsha abangazange bayazi ngaphambili ebomini. Yinikeze, Nkosi.

11 Wanga wonke umshumayeli, sonke isicaka Onaso kwihlabathi jikelele namhlanje, esibhiyozela esi sikhumbuzo sikhulu, banga banganentambiso nokomelela naMandla, wokuzisa emabandleni abo (imvu elindileyo) uKudla athe uThixo wanako kuvimba ukwenzela abantu Bakhe. Yinikeze, Nkosi. Silindele isahlulo sethu, ngentobeko, eGameni leNkosi uYesu Kristu. Amen.

12 Ndizakuba noMzalwana uNeville ngoku afunde iZibhalo zovuko. [UMzalwana uNeville uthi, "Mateyu 28," aze afunde iSibhalo esilandelayo—Mhl.]

[*Ekupheleni kwesabatha, njengoko iqalisa ukusa ukuya kusuku lokuqala evekini, beza uMariya Magdelene nomnye uMariya ukuza kubona ingcwaba*.]

[*Kwaye, khangela, kwabakho unyikimo olukhulu: kuba kwakuhle isithunywa seNkosi ezulwini, seza saliqengqa ilitye lesuka emnyango, saze sahlala phezu kwalo*.]

[*Ukubonakala kwaso ke kwaye kunjengombane, nesambatho saso saye simhlophe njengekhephu*:]

[*Ngokoyika sona ke bangcangcazela abalindi, baza baba njengamadoda afileyo*.]

[*Saza saphendula isithunywa sathi kubafazi abo, Musani ukoyika: kuba ndiyazi ukuba nifuna uYesu, lowo ubebethelelwe emnqamlezweni*.]

[*Akakho apha: kuba uvukile, njengoko watshoyo. Yizani, niyibone indawo apho ibilele khona iNkosi*.]

[*Yiyani ngokukhawuleza, nibaxelele abafundi bakhe ukuthi uvukile kwabafileyo; kwaye, niyabona, uyanandulela ukuya kwelaseGalili; nombona khona apho: yabonani, ndinixelele*.]

[*Baphuma engcwabeni ngokukhawuleza ngoloyiko novuyo olukhulu; bagidima baya kubabikela abafundi bakhe*.]

[*Ke kaloku xa baya kubabikela abafundi bakhe, khangela, uYesu wabahlangabeza, esithi, Vuyani. Beza bambamba ngeenyawo, baqubuda kuye*.]

[*Aze athi uYesu kubo, Musani ukoyika: yiyani kubaxelela abazalwana bam ukuba baye eGalili, kwaye phaya bayakundibona*.]

[*Ngoku xa babesiya, khangela, kwesuka kwafika abathile babalindi kuwo umzi, bababikela ababingeleli abakhulu zonke izinto ezenzekileyo*.]

[*Bathe bona bakuhlanganisana namadoda amakhulu, bakubhunga, bawanika imali eninzi amasoldati lawo,*]

[*Besithi, Zenithi, abafundi Bakhe beza ngobusuku, bamba ngelixa* be*lele*.]

[*Nokuba ithe yavakala le nto ezindlebeni zerhuluneli, thina siyakumthomalalisa, si*mq*inisekise*.]

[*Ke ayithabatha imali leyo, enza njengoko ebefundisiwe: laza elo lizwi laduma kumaYuda kwada kwanamhlanje*.]

[*Bahamba ke abalishumi elinanye baya kwelaseGalili, kuloo ntaba wayebayalele yona uYesu*.]

[*Ke xa bambonayo Yena, baqubuda kuye: kodwa inxenye yathandabuza*.]

[*Weza uYesu wathetha kubo, esithi, Linikwe mna lonke igunya emazulwini nasehlabathini*.]

[*Hambani ngoko, niye kuzifundisa zonke izizwe, nibabhaptizele egameni loYise, neloNyana, neloMoya oyiNgcwele*:]

[*Nibafundise ukuba bazigcine zonke izinto endiniwisele umthetho ngazo: kwaye, niyabona, mna ndinani xesha lonke, kude kube sekupheliswe kwephakade. Amen*. Indawo engenanto eteyiphini.]

13 . . . kongezwe iintsikelelo Zakhe ekufundweni kweLizwi Lakhe.

14 Ngoku singathi, sipapasha kwakhona ngoku, okokuba iinkonzo, nangokwentsasa, ziyakuqhubeka ngecala leyesithoba, kwakamsinya ekubeni sisuka kule, i . . . lena inkonzo yakusasa ngoku. Kwaye ngoko sikubiza oku inkonzo yethu yokuphuma kwelanga. Kwaye thina, sinezinto ezinkulu zokunibikela malunga ne—nemihlangano egqithileyo. Kwaye sifuna nina abagulayo nabaxhwalekileyo, nonke nina, nize ngokholo ngale ntsasa, ukuza kukholwa ukuba lo uvukileyo uYesu uyaphila namhlanje, kwaye Ukwamnye njengoko wabasoloko Enjalo. Akakhange aguquke nakancinci.

15 Ngoku ndifuna ukufunda inxenye encinane yeSibhalo apha, sifumaneka kwisahluko se-19 sikaYobhi, ukuqalisa ngomqolo we-15.

Nabahlala endlwini yam, . . . nabakhonzazana bam, bandibalela ekuthini ndingowasemzini: ndingowolunye uhlanga emehlweni abo.

Ndibiza umkhonzi wam, angasabeli; ndimbongoze ngomlomo wam.

Umoya wam umkruqule umkam, nangona ndibongozayo ngenxa yabantwana benyama *yam*.

Ehe, abantwana abancinci bandicekisile; ndakusuka, basuke bathethe kakubi ngam.

Ndilisikizi kumakholwane am: nabendibathanda bandiguqukele.

Amathambo *am atshele eluswini lwam nasenyameni yam, ndisindé macebetshu*.

Yibani nenceba kum, yibani nenceba kum, Owu zihlobo zam; kuba isandla sikaThixo sindiphethe.

Yina na ukuba ninditshutshise njengoThixo, kwaye ninganeli yinyama yam?

Owu akwaba ngoku *ebebhalwa amazwi am! owu akwaba ebekrolwe encwadini!*

Akwaba ebekrolwe ngentlabo yesinyithi kwaye etyidwe ngelothe axholelwe eliweni nanini.

Kuba mna ndiyazi . . . umhlawuleli wam uhleli, uyakusuka eme phezulu emhlabeni ngomhla wokugqibela:

Nakubeni emveni kokuba . . . iimpethu ziwudlavuzile *lomzimba, kodwa enyameni yam ndiyakumbona uThixo:*

Endiyakuzibonela mna, . . . amehlo am ambone, ingabi wumbi; nakubeni izintso zam ngaphakathi kwam ziphelelwe.

16 Ndingathanda ukuthabatha ukwenzela isiqendwana phaya, esifumaneka kuloYobhi 19. *Ndiyazi.*

17 Iqhawe ngeli xesha ngandlela ithile lalifana nesikuko namhlanje. Lalisezingxakini ezinzulu, njengoko sikubiza, "amanzi aphezulu," kwaye wayesengxingweni. Iintsuku ezininzi wayesakuhlala kwimfumba yothuthu, kwaye wayezama ukufumana amazwi okumthuthuzela, ezama ukufumana into eyakumnika inkuthazo, kunye nento eyakuba—eyakuba yintuthuzelo kuye njengoko wayebona ubomi bakhe bunyamalala busimka kuye.

18 Indawo yokuqala, wayeyindoda endala, into ethile engamashumi asithoba eminyaka ubudala, kwaye wayehlaselwe sisandla sikaThixo. Ngoku, siyazi ukuba uThixo ebengamchukumisanga ngesandla Sakhe, kodwa uThixo wavumela uSathana ukuba amchukumise. UThixo unee-arhente zokwenza izinto. UThixo ufuna ububi benziwe, Usuka nje akhulule uSathana abenze. Kwaye ukuba Ufuna okulungileyo kwenziwe, Unabakhonzi Bakhe Abakhululayo bakwenze.

19 Kwaye uSathana wayechukumise uYobhi ngenjongo, ukumvavanya, ngokuba yena noThixo babenengxoxo. Kwaye uThixo waxelela uSathana ukuba, "Ndinomkhonzi emhlabeni, akukho namnye ofana naye. Nantoni Endiyitshoyo kuye, uyakuyenza. Uyindoda egqibeleleyo, nendoda elilungisa."

20 Waza wathi uSathana, "Ukuba Wena ungandivumela nje ndimfumane, ndiyakumenza akuqalekise Wena ebusweni Bakho."

21 UYobhi, ekungazini zonke ezi zinto ziqhubekayo, yalizisela kwinkxwaleko enzulu iqhawe. Noko, ngandlela ithile, xa konke kwakumkile kulo, lalisayibambile indawo yalo ku—kuKristu. "Ndiyazi uMhlawuleli wam uhleli," watsho.

22 Ngoku sifika kwezo ndawo. Sonke siyafikelela. Kwaye ndiyakholwa ukuba namhlanje, okokuba sihlanganisene apha ukwenzela into ethile enjengala njongo inye. Sonke sikwimfumba yothuthu. Sineengxaki zethu, kunye namahlandenyuka ethu, kunye namathuba ethu—ethu amabi, nezigulo

zethu, neentliziyo zethu ezibuhlungu, nokuphoxeka kwethu. Ke siza ngoluhlobo, lwentsasa, le ntsasa yePasika, ukuza kufumana amazwi entuthuzelo, njengoYobhi owayezama ukufumana kwizihlobo zakhe.

23 Namnye kubo owayenakho ukumnika nayiphi intuthuzelo. Ngenxa yengxaki yakhe, babemtyhola ngokuba ngumoni wasemfihlekweni. Ngoko, embindini wayo yonke laa ngxaki, uThixo waza kumhlangula.

24 UYobhi wayebuza. Njengoko wayesazi, hayi kuphela ukugula kwakhe namathumba akhe, nengxaki neentliziyo ezibuhlungu, ngenxa yokuphulukana nosapho lwakhe nabo bonke ubutyebi bakhe, wayemalunga nokuthabatha ubomi bakhe; kodwa wayeyindoda endala, eguge kakhulu ngeminyaka, kwaye esazi ukuba wayesehlela engcwabeni. Kwaye, esazi oko, wayekholwa ukuba kwaye kukho umntu othile owamzisa emhlabeni, wayengenakho nje ukuzizela apha ngokwakhe. Kwaye wayesazi ukuba uphuma kutata nomama, kodwa, noko, laa tata nomama babefanele babenomntu othile wokubazisa. Kwaye ibiyakujikelezela emva ukuya kuqobo, “Ngubani owazisa owokuqala, omnye?”

25 Kwaye emva koko wamangala ngoku. “Yinto engaqhelekanga okokuba naku ndilapha, ndijikeleza, ubomi obuphakamileyo kunobo isilwanyana sibubo, kwa nobomi obuphakamileyo kunobomi besityalo.” Kodwa noko sifumanisa ukuba wathi, “Ukuba umthi uyafa, uyakuphila kwakhona. Kwaye ukuba i—intyatyambo iyafa, iyakuphila kwakhona.” Kodwa wathi, “Umntu ulala phantsi, unikezela ngomoya, aze abe phi? Oonyana bakhe bayeza kuzila phezu kwakhe kwaye bamhloniphe, kwaye akakuboni oko.” Kwaye wayemangalisiwe, “Yayiyintoni ingxaki yokuba—yokuba uThixo uyakuvumela ubomi ngolwahlobo buphile kwakhona, njengentyatyambo nezityalo, kodwa indoda ayinakuphila kwakhona?” Konke oku kwakumhlupha.

26 Kwaye ukuba nje singatsala kwesi siphetho ngale ntsasa. Kwaye oko koko singako apha. Silivile ibali lePasika, ngokuphinda-phindiweyo, saza salifunda ngasemva nangaphambili; kwaye namhlanje, kusasazo lwenu lukanomathotholo, niyakuva abalungiseleli abohlukeneyo belivelela. Kodwa endikucingileyo, ukwenzela iqela lam elincinci ngale ntsasa, iNkosi endinikileyo, ndiyakulivelela kwicala elahlukileyo ukuba ndinganako, ukuza kwindawo ye: Kutheni sifika kwezi ngxaki? Yintoni eyenza ezi zinto zifike? Kutheni umKristu edideka? Kutheni yonke into, ingamhambeli nje ngokugqibeleleyo umKristu? Kodwa ayenzeki, kwaye siyayazi lonto.

27 Kwaye ngamanye amaxesha sineengxaki ezininzi xa sisiba ngamaKristu kunokuba sasenzile xa sasingaboni. Kakade,

Ibhaliwe, “Zininzi iinkxwaleko zelungisa, kodwa uThixo ulihlangula kuzo zonke.” UThixo uthembise iinkxwaleko ezininzi, ukuziva okungaqhelekanga, nezinto ezingaqhelekanga eziyakuba ngaphaya kokuqonda kwethu, kodwa isoloko isenzelwa okulungileyo kwethu. Asinakho nje ukuyiqonda, ngokuba, ukuba siyiqondile, ngoko ayisayi kuba lukholo kuthi; siyakuhamba ngokuqonda. Kodwa siyayenza, kwaye sibe nalo, kwaye sikholwa ngalo ukholo, iLizwi Lakhe, okokuba lizakusenzela into elungileyo. Ukuba besingakubamba oko namhlanje, kule—kulentsasa. Ukuba singakubamba ukuba zonke iingxaki zethu. . . Kwaye akukho namnye kuthi ungafumanekiyo kuzo. Kwaye ukuba sinokuqiqa ukuba ezo zinto zilungiselela thina!

28 Kubhaliwe, kwesinye seZibhalo eBhayibhileni, ukuba, “Izilingo ziziswa phezu kwethu, zinexabiso kakhulu kuthi kunegolide ngokwayo, kuba nguThixo osinika ezi zilingo.” Emveni kokuba sibe libango Lakhe, uvumo lwethu nobhaptizo lwethu, nesithembiso sethu sokuhamba ebomini ukwenzela Yena, ngoko sonke isilingo esizayo phezu kwethu sesokusigqibelelisa ukwenzela uzuko Lwakhe. Sesokusizisa kwindawo apho uThixo Anokuzenza abe ngowenene kuthi kunokuba Ebenjalo ngaphambili kokuza kwesilingo.

29 Ndifuna ukujoyina ngale ntsasa kunye noYobhi, ukutsho ukuba ndiphile ithuba elide ngokwaneleyo lokuba ndazi ukuba okuya yiNyani. Ndikubonile ebomini bam, okokuba lonke ixesha imeko enkulu ivuka, endingenakho ukujikela ngaphaya kwayo, okanye phantsi kwayo okanye ngaphaya kwayo, uThixo wenza indlela, kwaye iphumela ngokuzukileyo. Ndiyamangala nje ukuba ubabalo Lwakhe lusoloko luyenza njani, kodwa Uyayenza.

30 Kwaye khumbula, kuzo zonke ezi zinto, uSathana uzama ukusenza phakuphaku, kwaye asicaphukise, esenza ukuba sicinge, “Owu, kutheni *oku* kwenzekile? Kutheni bendingenakuba *ngolu* hlobo?”

31 Kwiintsuku ezimbalwa ezigqithileyo xa ndiphuma kweyona yakhe yantle, neyokoyoko indawo endakhe ndayibona kubo bonke ubomi bam, yayisisakhiwo esikhulu somzalwana wethu, u-Oral Roberts. Xa ndabona elabhastile lingqindilili, kwaye kungekho festile kuso naphina, kodwa indlela esasenziwe ngayo! Kwaye ndakhe ndaseHollywood ndakhe ndaba kumabhotwe ookumkani, kwaye ndakhe ndaba kuyo yonke indawo ekunokubakho kuyo, kunqabile, kwihlabathi lonke, kunye nazo zonke ezigwagwisekileyo, ezithandekayo iindawo nekhaya, kodwa andizange ndabona nantoni, nayiphi indawo, ukuthelekisa, kunye naso, naphina konke konke. Indlela iingcingo ze aluminiyam zithungelene ngayo i—ingaphakathi ngokudibeneyo, kwaye, owu, andizange ndabona nayiphi into eqheleqhele kanjalo kubo bonke ubomi bam. Xa ndangena

phaya, kwaye ndathabatha izandla zam ndakhuhla ezo zibonda zeepali, kunye—kunye nenkulu inyengane; konke kukwisimo sobutriniti bukaYise, Nyana, noMoya oyiNgcwele, uku—ukuqingqwa kwayo. Zonke ezo zinto! Ndandisandula kusuka kwesika Mzalwana uTommy Osborn, kwaye ndabona owakhe omkhulu, ongamandla umsebenzi phaya awenzele iNkosi.

32 Ndema ngaphandle, ndajonga ngasemva kwesa sakhiwo, ndaza ndacinga, "Thixo, ngokuqinisekileyo ndiye ndaba ngumhanahanisi, ngokuqinisekileyo ndiye ndaba ngumlahlelwa-ngaphandle, ndaweni ithile; kuba, olu lungiselelo lwala madoda luphuma kolwam." Ndaza ndacinga, "Yintoni? Mhlawumbi andithembekanga kakhulu, Nkosi, okokuba Akunakundithemba nangantonina efana naleya. Nkqu nezincinci, iidola ezimbalwa Ondivumeleyo ndibhatalele imikhankaso nezinto, ngoku bazama ukundithumela kwindawo yokohlwaywa ngenxa yazo. Kwaye kutheni ndingongako umhanahanisi, okanye kutheni ndingumntu ongako ukungathembeki?"

Ndandikwimfumba yothuthu, njengokuba uYobhi wakudala wayenjalo.

33 Xa ndema ngaphandle phaya, kunye nokungakwazi ukuphefumla, kobuya bungakaya ubungangamsha; okokuba inkwenkwe elihlwempu ezalelwe kwindlu yodaka, umPentekoste, inokwenza kwaye izise okuya kwesiya sikhulukazi isakhiwo. Ndaza ndacinga, "Owu Thixo, mhlawumbi andifanelekanga."

34 Kanye ngoko elincinci iZwi leza lisihla ukunqumleza kwezondonga, laza lathi, "Kodwa Ndisisabelo sakho."

35 Ndaza ndacinga, "Owu Nkosi Thixo, owu, kuyeke nje okuya kuhlale ngala ndlela, ngoko, Nkosi. Nda . . . ngokuba bendingayi kubanako ukuhlakanipha bokwenza umsebenzi omkhulu onjengalowa ukwenzela Wena. Kwaye mna ndingumntu oli—oliqaba. Kodwa, oko nje wena Usisabelo sam, ndingoWakho, kwaye Uyakundikhokela. Andinakuzikhokela ngokwam. Kodwa, Owu Nkosi, ndikhokele!"

36 Zezo yure zibalulekileyo ezisicinezelela kwezontlabathi zindilisekileyo. YayiseBhayibhileni. Kwaye khumbulani, akukhathaliseki nokuba inkulu ngakanani imbandezelo, uSathana akanakubuthabatha ubomi bakho ade abe ugqibile ngawe uThixo. Akukho nto inokwenzeka kuwe ngaphandleni kokuba uyivumele uThixo. Akukho bubi bunokuza ngaphandleni kokuba ubuvumele uThixo. Kwaye kokulungele wena Ekusebenza oko. Masicingeni.

37 Phaya xa iimpuphuma zafika ukuza kutshabalalisa ihlabathi, yayingenakutshabalalisa uNowa. UNowa wayengenakutshatyalaliswa, ngenxa yokuba uThixo wayenomsebenzi wokuba awenze.

38 Ngenye imini, ezantsi kwisizwe esikhulu phantsi
kokukhonkxwa okukhulu, kwakukho abantwana abathile
bamaHebhere esibaziyo njengoShadraki noMisheki no-
Abednego. Kwaye kwafikelela endaweni apho kwafuneka benze
isigqibo, sokuba into ethile kufuneka yenziwe. Babe . . . Ukholo
lwabo—wabo—lwabo lwabekwa kuvavanyo.

39 Kwaye xa ukholo lwakho lubekwa kuvavanyo, ngoko
sukusilela. Hlala kanye noko ukukholelwayo.

40 Kwaye xa ukholo lwabo lwabekwa kuvavanyo. Kwaye
baya kwiyure ebalulekileyo. Hayi kuphela baya elu—
eluthuthwini, kodwa baya ezikweni elivuthayo. Kodwa
uSathana wayengenakubatshabalalisa, kuba injongo kaThixo
yayingekazalisekiswa. Babenokuya phaya neli themba, "Ndiyazi
uMhlawuleli wam uhleli!" Babenokungena phaya nelithemba
apha, "Siqinisekisiwe okokuba uThixo unako ukusihlangula
kweli ziko livuthayo, kodwa, nokuba akunjalo, asiyi kuqubuda
kumfanekiso."

41 USathana wayengenakho ukubathatha.
Wayengenakumntywilisela kwimpuphuma uNowa, ide
ibe igqityiwe injongo kaThixo. Wayengenakubatshisa
abantwana bamaHebhere, ide ibe injongo kaThixo igqityiwe.
Wayengenakumbulala uYobhi ngamathumba neengxaki, ide
ibe igqityiwe injongo kaThixo. Neengonyama zazingenakho
nokumtya uDaniyeli, ide ibe igqityiwe injongo kaThixo. Nokufa
nokwaluphala kwakungenakho ukumthatha u-Abraham, ide
ibe igqityiwe injongo kaThixo.

42 Kwaye kungenakho ukukuthatha wena, okanye kungathatha
mna, ide ibe injongo kaThixo, yobomi bethu, igqityiwe. Ke,
siqokelela ngokusuka phaya, intuthuzelo.

43 Kwaye kutheni uThixo evumela iingxaki zifike? UThixo
uyifaka umkhala ingxaki, afake imikhala emlonyeni wayo
ayenze ithobele Yena, kwaye ezongxaki zisizise kubudlelwana
obusondeleyo kuThixo.

44 Kwakungekho mnyama de impuphuma yafika. Kodwa emva
kokuba uNowa ecinezelelwe kula meko awayekuyo, ukudada
iimini nobusuku obumashumi mane, kuqhwithelo, kwaye
umkhonjane omncinci usihla unyuka emanzini; kwakusemva
kokuba impuphuma yayigqithile, apho wabona umnyama
kwityeli lawo lokuqala, umnqophiso wethemba, umnqophiso
wesithembiso. Emva kokuba edlule embandezelweni, emva koko
wabona isithembiso.

45 Leyo yindlela obona ngayo isithembiso, emva kokuba
ugqithe kwimbandezelo. Ndiyawuthanda la mbongo, okanye
indumiso:

Mandithwalelwe ekhaya eZulwini na
Ngomondlalo weentyatyambo ngokulula,
Ngelixa abanye balwileyo ukuzuza ibhaso
Badada kumalwandle egazi?

46 Sicela ubuntofontofo noxolo. UThixo usinika okungcono
Anokusinika kona: izilingo nembandezelo. Oko kungcono
kunobuntofontofo noxolo. Ubuntofontofo bethu bungaphesheya
nje komlambo.

47 Kwade kwaba lithuba abantwana bamaHebhere
banyanzelwe kwiziko elivuthayo, kwenye yezona zibalaseleyo
iimvamvanyo zabo, apho babona Lowo ufana noNyana
kaThixo emile phakathi kwabo. Iingxaki zabo zavelisa uNyana
kaThixo emile phakathi kwabo, kwimpepho, ukuvuthelela
kude iliza lobushushu. Kodwa hayi bade baye emlilweni apho
laMthuthuzeli wavelayo.

48 YayinguDaniyeli owayenesigqibo entliziyweni yakhe sokuba
akasayi kuzingcolisa ngezinto zehlabathi, waze wanyanzelwa
ukudlula esilingweni, okokuba uyakuthandaza kuThixo
okanye aye emhadini weengonyama. Kodwa kwakusemva
kokuba ubushushu babufakiwe, kwaye waphoselwa emhadini
weengonyama, okokuba, emva koko, wabona iNgelosi yeNkosi
imile phakathi kwakhe, igxothela kude, la Ntsika yoMlilo
inkulu imile phakathi kwakhe neengonyama. Kwaye iingonyama
zazingenakumfumana, ngokuba wayegqithe kuzo izilingo
nezihendo neengxaki. Kwaye wayesazi ukuba uThixo wakhe
wayenakho ukumhlangula kokuya.

49 Yayingu Abraham, emveni kokuba ebone umhlaba
usiba ngumqwebedu, kwaye nembalela ifika, waze uLote
wazahlula kuye wehla waya kuhlala ebumnandini nehlabathi.
Kwakusemveni kokuba evile izikhwino nezililo za—zabelusi
bakhe, engenangca yeenkomo zakhe, kodwa wahlala emhlabeni
uThixo amnike wona nawamxelela ukuba abe ngumphambukeli
kuwo. Kwaye okwangalomini, emva kokuba evavanyiwe de
owakhe—owakhe umonde wabasekupheleni, kwakungala mhla
wokuba, xa emva kovavanyo lugqithile, wathetha ubuso ngobuso
no-Elohim phantsi kom-oki ngala mini. Kwakusemveni kokuva
ubunzima ngezilingo zakhe, emva kokuba egqithe ezingxakini
awathi wadlula kuzo, awathi uThixo wabonakala kuye kwisimo
soMntu; wahlala phaya wamxelela ukuba wayetshatile kwaye
igama lomfazi wakhe yayinguSara, kwaye wathi waMhleka,
ententeni ngasemva. Kwakuphaya apho u-Abraham waMbiza
“Elohim.” Kwakusemveni kovavanyo nembandezelo.

50 Owu, ukuba iBandla lingavukela kuLo namhlanje,
ukufumana ukuba emveni kweengxaki novavanyo, nokuhlekwa
nokwenziwa intlekisa, izinto elithe iBandla ladlula kuzo,
iBandla lobupentekoste; yokuba sibona uThixo phakathi
kwethu, esenza imiqondiso emikhulu, nemimangaliso.

Emva kokubulaleka neengxaki zemini,
Emveni kokuba igqithile yonke,
Emva koko siyakumbona uYesu ekugqibeleni.

Uyakube elindele mna,
UYesu omhle nonyanisekileyo,
Kwitrone Yakhe entle,
Uyakusamkelela eKhaya
Emveni kokuba usuku lugqithile.

Ngelixa iseyimini, masisebenze.

51 Onke la madoda makhulu, oko bekuyakuthatha okungako kwenkonzo yethu yakusasa, ekuyeni ekuchazeni okuya. Agqithe kwizilingo, aze ambona uThixo. Bagqitha kuzo izilingo, baze babona iiNgelosi. Bagqitha kuzo izilingo; nezityhilelo, baze babona imiqondiso nemimangaliso, nezinto.

52 Kodwa, owu, akukho namnye kubo owabona oko uYobhi wakubonayo. Onke wona loo madoda, emveni kokubona iiNgelosi, nokubona uThixo nazo zonke ezi zinto, zange abone kwanto enokuwanika amathemba ngaphaya kwengcwaba. Kodwa uYobhi wabona uvuko! Wabona iPasika. Wabona into ethuthuzela yonke intliziyo. Emveni koko xa wenzayo, "Owu akwaba ebebhalwa amazwi am encwadini! Owu akwaba ebekrolwe ngentlabo yesinyithi, eliweni!"

53 Yabona, yona, yonke into yamjikela. Abakhe, nkqu nezicaka zakhe bezingayi kuthetha naye. Umfazi wakhe wayengowasemzini. Nanko ehleli, kwimfumba yothuthu, esa silingo sikhulu. Laza ibandla leza, lamnikela umva, iintsuku ezisixhenxe. Kwaye kungekho bani onokumthuthuzela!

54 Emveni koko kufanela wabona umbono wePasika, xa wakhalayo, "Ndiyazi uMhlawuleli wam uhleli, kwaye ngemihla yokugqibela Uyakuma emhlabeni. Ndiyazi! Owu akwaba amazwi am ebekrolwe ngentlabo yesinyithi, elityeni, ukuze amazwi am angabi nakunyamalala tu, kuba ndiyazi uMhlawuleli wam uhleli! Ndiyazi! Ndiyazi!"

55 Wazi ntoni, Yobhi? "Ndiyazi uMhlawuleli wam uhleli." Ingaba uqaphele, hayi nje kuphela kwakukho Mntu uthile ophilayo, kodwa WayenguMhlawuleli kuYobhi!

56 Owu, malisikelelwe iGama leNkosi. Ndivuya kakhulu ekubeni yinxalenye yePasika, yokuba ndiyinxalenye yolwavuko! Kwaye siyinxalenye yalo ngale ntsasa, ngokuba ngaphakathi kuthi kuhleli obaBomi bovuko (oko kukuthi, umxhamli) owazisa iPasika. "Ndiyazi ukuba uMhlawuleli . . . " Wazi ntoni? Andiyiqashiseli; sinokuqashisela okuninzi namhlanje. "Ndiyazi uMhlawuleli wam wam uhleli!" Ewe, mhlekazi.

57 Ngoku wayeyintoni Yena? Ukuba Wayephila, WayenguMhlawuleli kuYobhi. "Owam," ibhekiselele emntwini, *owam*, "uMhlawuleli wam uhleli!"

58 Kwaye yintoni enye oyaziyo, Yobhi? Yintoni oyibonileyo kula mbono? “Kwaye ngemihla yokugqibela, Uyakuma emhlabeni. Nakubeni iimpethu ziwudlavuzile umzimba wam, kodwa enyameni yam ndiyakumbona uThixo, Endiyakuzibonela mna. Ndiyazi uMhlawuleli wam uhleli, kwaye Uyakuma phezu komhlaba ngemihla yokugqibela. Nakubeni izintso zam ngaphakathi kwam ziphelelwe, nakubeni iimpethu ziwudlavuzile umzimba wam, kodwa enyameni yam ndiyakumbona uThixo.” Khona phaya kwabakho owona mbono omkhulu.

59 UDaniyeli wabona iNgelosi. Amakhwenkwe amaHebhere abona uNyana kaThixo. UNowa wabona umnyama. U-Abraham wabona uThixo, ubuso ngobuso. Kodwa, uYobhi wabona uvuko, uYobhi wakhangela phambili. Onke amaqhawe nabakhulu abangcwele, beBhayibhile, bakhangela phambili kula mhla; ngengqiniseko, ngemibono yabo, ngezityhilelo zabo, zokuba kuyakufika ixesha lovuko.

60 Ngoku sibona imisebenzi emikhulu iqhubeka. Sibona amandla amakhulu kaThixo. Sibona izinto ezinkulu Anokuzenza. Ubungenakujonga elangeni uze—uze wazi ukuba asingoMandla kaThixo azisa ela lizwe lijikeleze ela langa. Ubungenakubona ixesha lasentlakohlaza lifika ngaphandle kokwazi ukuba kukho uThixo. Ungabona ukuphiliswa kwamehlo ayimfama, iindlebe ezizizithulu, uyazi nguThixo. Kodwa ukuba oko ibukuko konke obekukho, kwaye emveni kokuba sifile besiphelile? Kodwa uvuko, iPasika, owu, oko koko kwatywina yonke into awakhe uThixo wayithembisa, yayiluvuko.

61 Kwaye kufanele babe nobethelelo emnqamlezweni, phambi kokuba ube novuko. Kwaye ngaphambi kokuba iBandla liyakuze libenakho ukubona aMandla ovuko, phambi kokuba ndingaze ndibenakho ukubona ulungiselelo olutsha lusenzeka ngokwam, phambi kokuba ungaze ungene kubudlelwana obutsha kunye noThixo, kufanele kubekho ukuzibethelela emnqamlezweni ukuze kubenakho ukuza uvuko. Kufanela sife kwiingcinga zethu, sife kwiindlela zethu, sife kuyo yonke into esirhangqileyo, siphumele kwizilingo neembhandezelo, ukuze sibe nokubona uvuko olutsha, uBomi obutsha. Ngaphambi kokuba umoni angaze abe ngumKristu, kufanele kufike ukufa, emveni koko uvuko.

62 Ngaphambi kokuba u-Abraham abe nokubona u-Elohim, kwafuneka kubekho amashumi amabini anesihlanu eminyaka ovavanyo. Ngaphambi kokuba abantwana bamaHebhere babe nokubona uNyana kaThixo, kwafuneka ukuba baye kwiziko elivuthayo. Ngaphambi kokuba uDaniyeli abe nokubona iNgelosi, kwafuneka aye kumhadi weengonyama. Ngaphambi kokuba uYobhi abe nakho nokubona uvuko, kwafuneka angene

aze aphulukane nayo yonke into awayenayo; kodwa emva koko, ngombono, wabona!

63 Kwaye ukuba uYobhi ngombono unokuma ngokomelela okungako phezu kwesithembiso, kungakangakanani ukuba ngaphezulu esifanele sikwenze, emveni koKristu evukile kwabafileyo waza waba Ziziqhamo Zokuqala zabo balalayo, kwaye wathumela emva uMoya oyiNgcwele njengetywina lesithembiso, phezu kwethu, ukuze nathi ngokwethu sibe siyakuphila. "Ngokuba Ndiphila, niyaphila nani!" Ukubona uBukhona obukhulu Bakhe phakathi kwethu, busebenza, busenza kwa imiqondiso eminye nezimanga athe Wazenza emhlabeni, esinika amathemba. Kwaye siza kuvuko, emva koko sisalele kwiimfumba zethu zothuthu? Masisuke kwimfumba yothuthu namhlanje, kunye nombono omtsha, kunye naMandla amatsha, kunye nokuzinikela okutsha bokuba sibona uThixo eMandleni Akhe. Sibona uvuko lwezinto lusiza.

64 Sikwixesha lokufa. Sihleli kumasango okufa. Izizwe zikumasango okufa.

65 IRashiya ifumanise isixhobo esitsha ngoku, njengoko nonke nivile kunomathotholo nento. Akusadingeki baze khona ngapha bayiqhushumbise ngesiqhushumbisi. Banokuzisa nje into encinci ethile ngapha, bangene phakathi kweentlola zabo, bafafaze into ethile kwisizwe ngasinye, kwaye wonke umntu uyakukhubazeka malunga namashumi amabini anesine eeyure. Beze ngapha kwaye, xa nivuka, nanko umRashiya ekukhaba ecaleni, omkhulu unogada womRashiya ethatha indlu yakho, endlwengula umfazi wakho, alahlela abantwana bakho esitratweni, kwaye athabathe nendlu yakho. Banokuyenza. Abayi kuphulukana nenye into. Banayo. Akukho bani waziyo yintoni. Yabona, yonke into iyondelelana. Ngoku banokusebenzisa okuya kwaye bangoyiki ngako, ngokuba akukho namnye ongomnye unayo.

66 Asazi ukuba iyakuza njani, yintoni eyakwenzeka. Kodwa sazi into enye, eyokuba sikwimfumba yothuthu. Isizwe, sikwimfumba yothuthu. Ihlabathi likwimfumba yothuthu.

67 Kwaye ngokuba ihlabathi likwimfumba yothuthu, ndivuya kakhulu ngokuba uMoya kaThixo unokuza, kwaye singathi, "Ndiyazi uMhlawuleli wam uhleli, kwaye ngomhla wokugqibela Uyakuma phezu kwalo mhlaba!" Ngenye imini Uyakuza! Akumangalisi imbongi yabhala:

> Ekuphileni, Wandithanda. Ekufeni, Wandisindisa.
> Ekungcwatyweni, Wathwalela kude izono zam.
> Ekuvukeni, Wagwebela simahla ngonaphakade.
> Ngenye imini Uyeza, owu, usuku oluzukileyo!

68 Kwathatha iGetsemane, yamachaphaza eGazi ekrazula ukuphumela kufele Lwakhe, phambi koko. Kwaye kwathatha intlungu ekhohlakaleyo yeKalvari, phambi kokuba kube kunokuza isiqinisekiso soThixo onguNaphakade Onokuvusa abafileyo. Yathatha i—yathatha iGetsemane kunye neKalvari, ukwenza iPasika. Ngenene yakwenza.

69 Indlela abo bapostile, phezu kwaloo ntsasa, xa babetyhafiswe kakhulu, wade uPetros wathi, "Ndityhafiswe kakhulu, ndiyakholwa ndiyakubuyela emva ekulobeni kwakhona. Ndiyakubuyela emva ezantsi. Ndi, ndiMbonile."

70 Babenamathemba amakhulu, kwaye bekholelwa kwaye yonke into, kwade kwafikwa kulaa ndawo inkulu imnyama. Yintoni awayeyenza uThixo? Wayezisa abo bapostile kwimfumba yothuthu. Wayebazisa kwindawo apho babenokuba nokholo lwabo luqinisekiswa kubo.

71 Kwaye uPetros wathi, "Ndi—ndimbonile Yena esenza imimangaliso emikhulu ezantsi ngaseGalili. Kodwa, owu, Ulele ngaphaya, ufile, kwaye ebanda, engcwabeni! Ndiyakholwa ndiyakusuka ndihle ndiye elwandle ngale ntsasa ndiphose umnatha, kwaye nje ndiyokuloba. Mhlawumbi ndingajonga ngaphaya kolwandle, ndize ndifumanise. Ndiyakhumbula ndimbona Yena xa Wasilinda enxwemeni. Ndiyakholwa ndiyakuya nje ezantsi."

72 Baza abapostile bathi, "Niyazi yintoni? Ndiyakholwa ndiyakusuka nje ndihambe nawe." Owu, babematshekile. Babelile de amehlo abo adumba.

73 Indlela esazi ngayo yokuhamba ezo ndawo! Indlela esazi ngayo! Sonke siqhelene nezo zinto.

74 Ndiyakhumbula xa ndabeka othandekayo ngaphaya engcwabeni, phezulu kumphezulu wenduli ngaphaya, ebizwa iMpuma, okanye Walnut Ridge Cemetery. Indlela endabeka ngayo usana oluncinci khona phaya! Kwaye bendiyakulila kwingalo kamama, de, ndalila ndade andabi nakulila ngakumbi. Ndandenze yonke into endiyaziyo. Ndade, ndathatha umpu, ukuzama ukuzibulala, ndandikwelinjalo ixesha. Kwaye yayiyila yure, kwela gumbi lincinci phezulu phaya, ndisemadolweni, apho aMazulu avuleka, ndaza ndambona yena emile phaya kubuqaqawuli bokungenakho ukufa. Kwakuphaya kula yure apho ndeva ingalo zakhe zindigona emagxeni am, esithi, "Bill, akuqondi. Singcono kakhulu kunawe."

75 Yabona, ithabatha ubethelelo emnqamlezweni. Ithabatha ukutyunyuzwa kwentyatyambo, ukukhupha isiqholo kuyo. Ithabatha ukutyunyuzwa kobomi, ukufumana okona kungcono kubo okukhoyo. Eso sisizathu uYesu kwafanele atyunyuzwe, ukuze akuphe oko Wayekuko. Wayengenakuma phambi kokubethelelwa emnqamlezweni, athi, "Lonke igunya eZulwini nasemhlabeni linikelwe esandleni saM." Kodwa emva

kobethelelo emnqamlezweni, Wayenokuma aze athi, “Lonke igunya eZulwini nasemhlabeni linikelwe esandleni saM!” Kodwa lenza ntoni? Lathatha ubethelelo emnqamlezweni kuqala.

76 Ithathe ukutyunyuzwa nokuphoxeka kwabapostile. Babembonile uMsindisi wabo, Lowo babemthanda, kwaye baMbona nkqu evusa nabafileyo e—engcwabeni. Babembonile Yena ekwenza oko. Kwaze emva koko bacinga, “Nanko Elele phaya, ebanda, engcwabeni, Ngokwakhe, ngale ntsasa.” Yathatha i. . .

77 Abo bantu ababembonile Yena evula amehlo emfama, baMbona emile phaya kwaye ebona ezona ngcingane ezazisezintliziyweni zabantu, “Wazi njani Yena,” babeyakutsho, “okokuba bona babesiza emva Kwakhe? Wazi njani Yena? Kutheni Angazanga amazi uJudas, uJudas wayeya—wayeyakungcatsha Yena? Kutheni engazange Azi ukuba amasoldate ayesiza esuka entabeni phaya, kunye nezikhali namakrele nayo yonke into, ukuMfumana, ukuba Wayenokubona iingcingane zabo?”

78 Yabona, umtyholi wayesebenza kubo, ebabeka kwimfumba yothuthu, kuba babefuna ukubanika ubungqina bo “Ndiyazi.” (Hayi “Ndiyaqikelela” okanye “mhlawumbi injalo.”) “Ndiyazi! Ndiyazi!”

79 Kwaye khumbula, ezo zilingo ziziswa phezu kwakho ngendlela ekwanye, ke ukuze ungathi, “Ke, mhlawumbi Esi silungile, mhlawumbi iSibhalo sinyanisile, mhlawumbi impiliso eNgcwele ilungile, mhlawumbi uMoya oyiNgcwele ulungile.” Kodwa xa ufumana loo mava kwaye uphume kwelathuthu, uze ufumane isityhilelo sikaThixo, ngobhaptizo lukaMoya oyiNgcwele, ungakhwaza, “Ndiyazi uMhlawuleli wam uhleli, ngokuba Uphila kum!”

80 UPetros wathi, “Ndiyakuloba.” Abapostile bathi, “Ndiyakholwa ndiyakuhamba nje nawe.” Kwaye nabo babekwimfumba yothuthu lwabo, ezantsi phaya embindini wolwandle, kwaye ingxaki iqhubeka ngendlela eyayiyiyo. Kwaye ndingamva omnye wabo esithi, “Owu, ingenzeka njani Yona, Petros? Ingaba yiyo njani into enjeya yokuba iNdoda enjeya ife? Ingabekwa njani engcwabeni ngendlela Eyayiyiyo? Ingema njani Ibayeke bayitsicele ebusweni baYo kwaye batsale iindevu, babeke esasithsaba entlokweni yaYo? Ingayenza njani lonto, owu, kwaye futhi ibe nguThixo? Andinakho nje ukuyiqonda.” Owu, enjani impoxeko!

81 Kwaye ngequbuliso, bajonga ngaphaya elunxwemeni, nje uhlobo olunye lwesityhilelo awathi uYobhi wasifumana, phaya babona oko uYobhi wakubona amawaka amane eminyaka ngaphambili. Nako kumi uMhlawuleli, ephila kwaye emtsha,

eme elunxwemeni. Enomlilo owenziweyo, kunye nentlanzi iphekiwe kuwo ngolwa hlobo, waze wathi, wabamema.

> UYesu unesithebe sidekiwe
> Apho abangcwele bakaThixo bondliwayo,
> Umema abakhethiweyo Bakhe abantu "Yizani nidle;"
> Ngemana Yakhe Uyabondla
> Kwaye esonelisa sonke isidingo sethu;
> Owu, yona, kumnandi ukudla noYesu lonke ixesha!

Indlela esinokucinga okuya, indlela ekwathatha ezo zinto zinkulu!

82 Indlela awathi u...uPawulos umpostile, laa mpostile mkhulu owagqitha kwixesha lakhe lengxaki xa wangqina ukufa kukaStefano; kwaye wabona ubuso bakhe obuncinci bujonge ngaseZulwini, kwaye amatye embetha ebusweni, waze wajoga phezulu waze wathi, "Ndibona aMazulu evulekile. Ndibona uYesu emi ngasekunene kukaThixo." Wathi, "Nkosi, ungabamiseli esi sono." Kwaye uPawulos ebambe iidyasi, oko kwambeka iiveki emva kweeveki phezu kothuthu, esiya phambili nangasemva; de, ingqondo yakhe yayingcolisekile, wade wabe usendleleni yakhe ehlayo isiya eDamasko, ukuya kuzama ukulwa indlela yokuzikhupha, njengendoda isiya kwibhotile yewiski, izama ukutshonisa usizi lwayo.

83 Wayesembindini walonto, xa kweza iLizwi lisuka eZulwini, okukhulu okubengezelayo uKukhanya kwathi, "Sawule, Sawule, unditshutshisela ntoni na Mna?" WaMbona. WaMqonda, okokuba WayenguYesu ovukileyo, Lowo wamngqinayo ukufa kwakhe, wayevukile kwakhona.

84 Owu, ndingakhumbula obam ubomi, endleleni ehlela entshabalalweni, xa ndeva iZwi elimnandi, "NdinguYesu. Bendifile, Ndiyaphila ngonaphakade. Ngokuba Ndiphila, ningaphila nani ngokunjalo." Kusukela ngela xesha, ndibeka isandla sam kweSakhe, ndamthemba Yena kuzo iindawo ezimnyama. Xa amaxesha efika apho ndingenakho ukubona, yeyiphi indlela endihamba ngayo, futhi ndisamthemba Yena.

85 Lonke ikholwa elingumKristu kufanele lityhalelwe kwezo zilingo. Lonke ikholwa elingumKristu kufanele libekwe kwimfumba yothuthu, ukuze libe nokuphuma linamava, "Ndiyazi uMhlawuleli wam uhleli!"

86 Asizi apha ngale ntsasa nje ukuza kuhlala sithethe malunga nomcimbi othile wembali, ntoleyo yonke eyinyaniso, kodwa siza apha kunye nobungqina ngale ntsasa, "Ndiyazi ukuba uYesu Kristu nguNyana kaThixo, ndiyazi ngaphaya kwalo naliphi ithunzi lentandabuzo! Ndiyazi ukuba Wavuka ekufeni, kwaye Ephila ngaphakathi kwam namhlanje. Ngowam kwaye

ndingoWakhe. Ndiyindlalifa kunye naYe, ebuKumkanini bukaThixo."

87 IPasika! IPasika izisa into enkulu, uvuko, ithemba elitsha. Ingaba unalo ngale ntsasa? Ingaba lusentliziyweni yakho? Ingaba uyazi ukuba uMhlawuleli wakho uhleli, kwaye Wenza zonke izinto zisebenzisane?

88 Uthi, "Mzalwana uBranham, ndihleli apha, ndilinde umgca wokuthandazelwa."

89 UThixo usebenza oko nje ukwenzela okulungileyo. Kwakutheni la nkwenkwe incinci intle, ngenye imini, yabethwa ngobumfama ngexa yayizalwa? Ukuze uThixo afumane uzuko kwaye aphequle isizwe. Ngokuqinisekileyo, uThixo uyazi Akwenzayo. UThixo uyazi. Kwaye Ubeka thina kwimfumba yothuthu, ukuze asibonise uzuko Lwakhe.

90 Ke, ngale ntsasa nditsho oku, sihlobo. Emva kwamashumi amathathu ananye eminyaka yolungiselelo, emva kwamashumi amathathu ananye eminyaka yokusebenza nzima entsimini, ndifuna ukwenza ubungqina bam koku. Ndikubonile ukuphoxeka. Ndibone ixesha apho ndicela izinto, ndaza ndalilela izinto, ndangqibela izinto, kwaye ndasilela ukuzifumana. Kodwa ukuba nje ndingalinda ngomonde kuThixo, emva koko ndiyazi ukuba isebenzela nje ngokuchanekileyo okulungileyo, iphumela nje ngokuchanekileyo ngokulungileyo, yenza nje ngokuchanekileyo into elungileyo.

91 Xa ndaphulukana nosana lwam, uSharon wam omncinci, nda . . . oko kwakuyinto eyandikhubekisayo. Ndathi, "Ingaba kokulungileyo njani okuya? Ingaba kokulungileyo njani?" Kwaye iinyanga kamva, xa ndambona emile phaya kubo bonke ubuhle bentombazana encinci, ithetha nam, imile ecaleni kwaleya indala inqwelo yaphukileyo ezantsi, phaya. Ndazi, ukuba wayenokuphila, wayenokujika abe ngongalunganga. UThixo kwafuneka amthathe ngelixa wayesemncinci elungileyo. Ndiyazi ndiyakumbona kwakhona. Ndiyazi ndiyakumbona, ndiyazi ngaphaya nakwisiphi isithunzi sentandabuzo.

92 Ndicinga ngomfazi wam wamashumi amabini anesibini eminyaka ubudala, ethathwa, nje kuphela esebuntombini, umama omncinci phaya. Xa amaphepha anika intloko-ndaba apha, "Umama omncinci, ohloniphekileyo . . ., usuke wafa," owu, indlela eyopha ngayo intliziyo yam! Ndandingazi emandikwenze.

93 Kodwa namhlanje ndiyazi yonke yayisebenzela okwam okulungileyo. Ndiyazi ubomi babufanele bugutywe, bujijwe, bucudiswe, kukhutshwe oko kwakukuko ngaphakathi, ngaphandle. Kwakukho okuninzi ngaphezulu okunguBranham phaya, kwafuneka kucudiswe kukhutshwe phambi kokuba uThixo Azazise.

94 Kwakukho okuninzi okunguwe ngaphakathi kwakho, de uThixo kufuneke akucudise akukhuphe, ngezilingo. Kwaye ngelixa okwakucudiswa kufika, kunzima. Kodwa emva kwethuba, izibhakabhaka ziyacwenga, emva koko uyayibona injongo kaThixo. Emva koko uyakhala, "Ndiyazi uMhlawuleli wam uhleli, kwaye ngemihla yokugqibela Uyakuma emhlabeni! Nakubeni iimpethu ziwudlavula lo mzimba, kodwa enyameni yam ndiyakumbona uThixo!" Ezi zilingo zincinci nezinto zezomzuzwana nje, kwaye ziyanyamalala kwaye zidlule. Kodwa zenzelwa kuphela okulungileyo kwakho, masikukhumbule oko, okokuba uThixo uyakufumana uzuko.

95 Singathobisa iintloko zethu nje ithutyana. Ndifuna ukucela, phambi komthandazo, ingaba kukho nabani apha ongathanda ukukhunjulwa kwilizwi lomthandazo phambi kokuba sivale? UThixo akusikelele. Bangaphi khona apha abangatshoyo ukuthi, "Ndifuna uThixo, kwiyure yokulingwa kwam ngoku, ukuba andinike amava amatsha, ukuze ndibenokuphuma ndimtsha kwakhona"? Phakamisa isandla sakho, uthi, "Ndifuna—ndifuna oku kube luvuko lwam, iPasika, lundivusele kumathemba amatsha kunye namandla amatsha, impilo entsha novuyo olutsha." INkosi inisikelele, bantu bam abathandekayo.

96 Owu, uThixo wethu noMsindisi wethu, sinombulelo omkhulu kuWe ngale Pasika, ngoko ikuthethayo ezintliziyweni zethu. Kwaye ngokholo, ngaphaya, ukunqumla umhlaba, singabona uKuza kweNkosi, uYesu, njengoko Ezilungiselela Yena ngoku, enxiba iimpahla Zakhe zobukumkani. Kwaye, iBandla liyanxiba, uMyeni unxiba ingubo Yakhe yomtshato. Phaya kulungiselela ukubakho umhlangano omkhulu kwamsinya.

97 Le mfumba yothuthu ayinakuma naphakade. Xa sisiva abantu behleka, behlekisa ngathi, kwaye besibiza ngala magama anyelisayo wa "baqengqeleki abangcwele," kwaye behlekisa ngathi, kwaye besithi asilunganga kwa sengqondweni, owu, ayinakuma lonke ixesha, Nkosi. Kodwa masibe nje ngoYobhi, sibambe ubungqina bethu, masibe njengoDaniyeli kumhadi wengonyama, okanye abantwana bamaHebhere kwiziko elivuthayo, okanye u-Abraham kuhambo lwakhe.

98 Sincede, Owu Nkosi, ukuba sime ngokunyanisekileyo side sibone lanto inkulu isenzeka, "Xa ixilongo liyakuhlokoma, baze abafele kuKristu bavuke; thina abasaphilayo nabaseleyo siyakuguqulwa, ngesiquphe, ngokuqhwanyaza kwe, liso." Kuze emva koko kufike laPasika yethu, awathi uKristu wayonwabela kwishumi elinesithoba lamakhulu eminyaka eyagqithayo ngale ntsasa, kwaye wathi, "Ngokuba ndiphila, niyaphila nani."

99 "Lo Yesu mnye, owathatyathwayo wasuswa phakathi kwethu, uyakubuyela nje ngendlela ekwanye Awemkayo."

Siyakumbona Yena, kwa nenxeba ngalinye esandleni Sakhe naso sonke isiva semeva entlokweni Yakhe. SiyakuMbona.

> Owu, ndiyakumazi Yena, ndiyakumazi Yena,
> Kwaye ndisindisiwe ngecala Lakhe ndiyakuma.

100 Ewe, Nkosi, intliziyo yam ehluphekileyo, njengoko lomzimba wam utyhafileyo uqalisa ukugoba phantsi komthwalo, amaxhala nokubulaleka kwamasimi esivuno, amasimi omsebenzi, namanyuka ndisihla, nokungavumelani phakathi kwabalungiseleli abanekratshi, nanjalo njalo, ukunqumleza indawo, nabantu behlekisa, namandla angcolileyo. Kodwa, Owu Nkosi, ngenye imini siyeza njengo Eliya, ezantsi emlanjeni; sijonge ngaphaya, kubotshelelwe kulo lonke ityholo, inqwelo yomlilo eyakusithwala isimkise. Masazi ukuba ezimfumba zothuthu zingumkhusane nje wokusifihla kulanto inkulu elele nje ngaphambili, olwazuko lukhulu.

101 Sanga singahlala sinyanisekile njengoYobhi, side simbone Yena, ubuso ngobuso. Sanga singaba ngabanyanisekileyo njengeNkosi yethu yayinjalo, njengomzekelo wethu, ukuba siye eKalvari; nathi, silungele ukubethelelwa, kwaye sibethelelelwe emnqamlezweni kunye naYe, ukuze kubenako ukubakho uvuko ebomini bethu. Yinikeze, Nkosi.

102 Wanga, ukuba kukho abagculeli apha, ababenjengoPawulos wakudala, abenza intlekisa, banga bangafumana iPasika kwindlela yabo egodukayo ngale ntsasa. Yinikeze, Nkosi.

103 Siyathandaza, Nkosi, ukuba abo bakwimfumba yothuthu yentshabalalo, imfumba yesigulo, okokuba oku iyakuba yiyure abayakuhlangulwa ngayo.

104 Phezolo, ndithetha kulamfazi omncinci ngaphandle esikhojini, kunye nomyeni wakhe; indlela ngaphaya ePhoenix, kwimeko emaxongo, naloo mihlaza mikhulu ilele phaya kubo, kwaye namhlanje ngoku uphile qete kwaye elungile. Kwaye usana oluncinci ebelinentliziyo yalo izakukhutshwa, lihleli apha esakhiweni ngale ntsasa, liphilile, kakuhle. Inkwenkwe encinci eyimfama eyakhe yahamba ebumnyameni ingazange ibone ukukhanya kwemini, iyahamba namhlanje kwaye ibona ukukhanya kwemini. Kwaye, Owu, Thixo, indlela esikubulela ngayo Wena ngako oku! Kwaye konke kukujonga ngaphaya komkhusane, kula mhla mkhulu wovuko. Yinikeze, Bawo. Kwaye ubenze bazi ukuba ezi zinto bekufanele zibe ngala ndlela, ukuba ezi: inkwenkwe encinci eyimfama inokubona, okokuba umntwana omncinci obenengxaki yentliziyo anganika ubungqina kwabanye. Zonke ezi zinto zisebenziselana okulungileyo kwabo bakuthandayo Wena.

105 Konke kwenziwe kwabanako ukwenzeka kuthi ngenxa yokuba kwabakho Lowo uthobekileyo kwisilingo, kwabakho Lowo Owanyamezela uvavanyo, yayinguYesu. Lowo Yena

Wayethobeke kakhulu kuYise, de uYise waMvusa ngentsasa yePasika, ngokuba kwakungenakwenzeka ukuba Angabanjwa kukufa. “Kuba aNdisayi kumvumela owaM ONgcwele ukuba abone ukonakala, Ndingasayi kuwushiya umphefumlo Wakhe esihogweni.” Kuba, Wafunyanwa ethembekile, esoloko esenza oko kumkholisayo uYise.

106 Thixo, sanga singabasoloko sithembekile kwindawo yomsebenzi. Akukhathaliseki nokuba zintoni izilingo zethu kunye neengxaki zethu, nantoni, sanga singabanakho ukutsho, okoko, “Ndiyazi ukuba zonke izinto zisebenziselana okulungileyo kwabo bamthandayo uThixo.” Yinikezele, Bawo.

107 Sisikelela aba bantu ngale ntsasa ngeentsikelelo Zakho. Baze kwangethuba besuka ezindaweni zabo, baze emnqubeni. Baze kufumana intuthuzelo. Banga bangagoduka ngale ntsasa, naMandla kaMoya oyiNgcwele evutha ezintliziyweni zabo, behamba ngendlela njengabo babesuka e-Emawusi, besithi, “Bezingavuthi na iintliziyo zethu ngaphakathi kwethu, njengoko Ebethetha nathi endleleni?” Yinikezele, Bawo. Ndibanikela kuWe ngoku, eGameni leNkosi uYesu Kristu. Amen.

Kulungile, Mzalwana uNeville. Kwaye ngoku khumbulani iinkonzo.

108 Asisayi kubanawo amakhadi okuthandazelwa ngale ntsasa, ngokuba, ukuba sibanamakhadi okuthandazelwa, oko nje ndisenza abo bantu ukuba beme apha ngoluhlobo, ndisaya kuxhomekeka futhi phezu kwesa sipho. Ndifanele ndibe nendawo de ndikubeke okuya ecaleni, apho ndingahamba ndiphume apha kwaye ndibe . . . ndiyoyika. Ndikhangeleka ndisoyika, kwaye ndiyoyika ndiyakwenza impazamo. Ukuphulukana nedabi, asikokuphulukana nemfazwe. UPatton waphulukana namadabi amaninzi, kodwa zange waphulukana nemfazwe. Injalo lonto. Kwaye siyakuphulukana namadabi amaninzi, nathi, kodwa asiyi kuphulukana namfazwe. Ndiyakwenza iimpazamo ezininzi, kodwa andisayi kuphulukana neSizathu. UThixo wayinikezela, kwaye uThixo uyakuyinonophela. Iyi—iyintambiso. Kwaye ngoku lixesha, ndiyakholwa iyure yile, kwaye ndiyaqalisa, ekubeni iyiPasika ngolu suku, ndizakuya—kuya njengoko ndenzayo phaya ndithandazela abagulayo. Kwaye ukuba ndinganako . . . Yintambiso. Yinto ekufuneka yenzeke ngaphakathi kwam. Andiqhelananga kakhulu nayo. Iza ngeyona ndlela, ndingangabinako ukuyichanaba nje kakuhle, kodwa kufuneka ndiqhubeke ndihamba kuyo ndide ndiyazi ngalo lonke ixesha. Ke eli iyakuba lusuku endiyakuzama ngalo, ngenceba kaThixo.

109 INkosi inisikelele ngoku. Mzalwana uNeville. Neenkonzo ziyakuqala ngecala emva kweyesithoba. Mzalwana uNeville.

NDIYAZI XHO60-0417S

(I Know)

UTHOTHO LOMYALEZO WEPASIKA

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi yangeCawa ngePasika ekuphumeni kwelanga, ngoEpreli we-17, 1960, kuMnquba kaBranham, eJeffersonville, Indiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2019 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org